Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Umfundi kufaneleke ukuba uthatha icala ebonisa ngemizekelo ethathwa ebalini ukuba ngenene isimo sentlalo sincedisile ukuphuhlisa umxholo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayelelo yakhe umfundi:

- Angaxela umxholo webali ngokokubona kwakhe, andule achaze isimo sentlalo. Umxholo webali usenokuthi akusoloko kukubi kubomi bomntu, kungakubi namhlanje kube kuhle ngomso.
- Isimo sentlalo kwibali sivela ngendawo izehlo ezehla kuyo, ubume bendawo ukuvulela ukuba izehlo zehle, iimo zentlutha nendlala ezindulula abalinganiswa ukuba benze izinto ezithile, indlela ezenziwa ngayo izinto, indlela abonwaba ngayo nabonwabisana ngayo abantu, iindlela abaphethene ngazo abantu umzekelo bayalwa, bayathandana. Sikwaquka ubunjani babantu, isinxibo sabo esivumela ukwenzeka kwezinto ezithile, iinkolelo zabo kwakunye neenkolo zabo nolwimi abalusebenzisayo. Sichaphazela ixesha ezimbalini, emini, enyakeni, enyangeni, ebomini bomlinganiswa. Banokuqaphela isinxibo nezinto ezixatyiswe ngumlinganiswa othile, imozulu, umoya ophefumlwa ngabalinganiswa okanye impixano.

Kwisiqu umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Ibali liqhubeka eMlazi eThekwini naseLusikisiki ukuze ikholeleke into yokuba uLungile abe ebenokufuna umhlaba eThekwini njengoko ibubomi babantu baseLusikisiki ukuya kuma eMlazi. Yonke loo nto yenza achukumiseke uNozililo neqela lakhe bekhankanya ubuhlanga bakhe njengesizathu, kwanokugqamisa iinkolo zabantu.
- Ukufunda kukaMpumelelo eBlysthswood, kumenza aye kwisibhedlele saseGcuwa, adluliselwe eGroote Schuur ukuze aphile, kuse ebomini bakhe.
- Isikolo iFort Hare simhlanganisa noThembisa ongumfazi wakhe sithetha nje. IWentworth imnika ubugqirha, ade awelele phesheya kolwandle efundela ubungcali obuvelisa oku kusa apha kubomi bakhe.
- Ukuveza amathuba obumnyama ebomini usebenzise iindidi zabantu ezingootsotsi abaqeshwa nguNozililo amatyeli ngamatyeli. Bathi beqhekeza ivenkile, babe bezama ukutshisa ukuya kuthi ga ngokuzama ukuhlaba uMpumelelo suka bahlabane kwabodwa.
- Ngokwexesha ezimbalini ibali lenziwe laqhubeka ngexesha ekuphunyezwa ngalo umthetho onikeza abemi abaNtsundu amathuba okuba baziqhubele amashishini abo.
- Oku kugqamisa ubuhlanga obusetyenziswa njengesizathu sokunyhukula uLungile ngokufumana umhlaba atsho uNozililo asoloko embiza iMpondo, ehlohla abantu belokishi umoya wokungamxhasi kwishishini lakhe.
- Indlela abaphila ngayo abantu, abonwabisana nabonwaba ngayo ibonakala ngokuthuthelana iindaba ezibaxabanisayo kutsho kuvele ukungahlalisani kakuhle emtshatweni kaLungile.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Iinkolelo zabo zivezwe ngokuba bade bathathe imoto ukuya kuthetha ngemicimbi yokutyhilwa kwamatye batsho behlelwa lilishwa lokutshela emotweni. Umbhali usikrobisa kwizinto eziza kuhla nangokusebenzisa imiqondiso ezizinja ezenza umkhulungwane, umvandedwa ophethe umntu ngamnye, amaphupha anezikhova, amaphupha azingileyo amenze ukuba athathe isigqibo sokuya kuxoxa ngomba wamatye kumntakwabo ngemoto abagqibele betshela kuyo.

  Iinkolelo zidudulela ooNozililo ekubeni bacebe amayelenqe okuphambanisa uMpumelelo ngemithi. Oku kubenza bazingombe izifuba bacinge ukuba ngabo abaphambanise uMpumelelo kangangokuba baphumele nakwamanye angentla kweli amagumgedle. Kunjalo, uphela enyangwe ulwantwentwe lwengqondo kukhanye.

- Izinto ezixatyisiweyo: Enye yezinto ezixatyisiweyo yimfundo esetyenziselwe ukubonisa ukukhanya, ngokuqaqambisa uMpumelelo kwizifundo zakhe ezikhokelele kubomi obunolonwabo bukaMpumelelo kutsho kuzaliseke namazwi athethwa emngcwabeni.

Xa evala
- Usenokuveza indima edlalwa sisimo sentlalo kwibali ekuphuhliseni umxholo abewukhankanyile.
- Umzekelo isimo sentlalo xa siphuhlisa umxholo siba ngunobangela wezehlo ezehla ebalini size ngolo hlobo sifuthele phantse iphepha ngalinye kwibali side sifuthele nemixholwana ekhoyo siyenze nayo ilikhulise ngakumbi ibali. **[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### ISICATSHULWA A

2.1 2.1.1 Eofisini yenqununu yaseBlythswood√/esikolweni eBlythswood.√ (1)

2.1.2 Ikhankatha eligcina amakhwenkwe lafika la makhwenkwe engekho endlwini yawo yokulala ngobusuku bangoMgqibelo.√ (1)

2.1.3 Abazali bakhe batsha basweleka kwingozi yemoto, ebukele.√√ (2)

2.1.4 Bakutolika ngokuba wenza amaqhinga esikhwenkwe okubaleka ityala√/uMpumelelo uyaziphambanisa okanye uphambene.√ (1)

2.1.5 Sesamhla kwakucelwe amakhwenkwe ukuba aye kucima umlilo ethafeni, wothuswa ngumlilo lowo waphaphatheka ekhala ekhwaza/√√ngexesha ikhankatha lifika uMpumelelo elele phezu kweengubo limlayita ngesibane uye waphaphazela.√√ (2)

2.1.6 Wayengayanga emdaniswen√ kuba wayesesikolweni ebukele ibhayaskophu.√ (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.1.7 Sisifaniso.√ (1)

2.1.8 Kubonisa ukuba ungumntu ozithobileyo√/ngumntwana onembeko√/ ngumntwana oqeqeshekileyo√/nesimilo√/unentlonipho.√ (1)

2.1.9 Eyokuxakeka kakhulu kuthathwa kubekwa kungaziwa ukuba makuthiweni√√/owengqondo ebhidekileyo.√√ (2)

2.1.10 Ufune abantu bokuqhekeza kwivenkile kaNtsibande√/
Ufune ootsotsi ukuba batshise ivenkile kaNtsibande.√/
Uthenge ootsotsi ukuba babulale uMpumelelo ngokumhlaba emdanisweni.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.11 ULungile wayebizwa njengeMpondo engamkelwa eMlazi naseGiblands ukuba aqhube ivenkile kuba engengomZulu√√/kuye kwanyanzeleka ukuba umSuthu obeqhuba ivenkile ayishiye aye kowabo kuba engengomZulu.√√ (2)

2.1.12 UNozililo uthe kuNomakhwezi uThamsanqa unika abanye abahlali iimpahla zevenkile bengazibhatalelanga.√ (1)

**ISICATSHULWA B**

2.2 2.2.1 Ngokusetyenziswa kwamayeza namachiza (*drugs*) ngokungekho mthethweni lulutsha lwelizwe jikelele.√ (1)

2.2.2 Lubaluleke ngokuba ukufumana kwakhe isidanga sePHD kwakuxhomekeke ekwenzeni kwakhe olu phando√√/kuba umfundi ngamnye ufanele enze uphando ukulungiselela izifundo zakhe..√√ (2)

2.2.3 Sisikweko.√ (1)

2.2.4 Abafundisi-ntsapho kanye ngeveki banika intetho kubafundi√√/ba-odola imiboniso bhanyabhanya ebonisa ububi bokusebenzisa la mayeza angekho mthethweni.√√ (2)

2.2.5 (a) C√/bayotyiwe.√
(b) A√/lilolo.√ (2)

2.2.6 Likwinqanaba lesisombululo.√ (1)

2.2.7 Wawufezekisa, kuba akazange ayeke esikolweni njengoko uyise wathi afunde ade ayityekeze imfundo√√/wamgcina uThamsanqa, uYolisa kunye nevenkile.√√ (2)

2.2.8 Ingqineka kuba nanku uMpumelelo efunde wayingcali yogqirha, wakha isibhedlela, wazibalula kwezemidlalo nasemculweni .√√ (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

Umfundi kufaneleke ukuba uthatha icala ebonisa ngemizekelo ethathwa ebalini ukuba ngenene isimo sentlalo sincedisile ukuphuhlisa umxholo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayelelo yakhe umfundi:

- Angaxela umxholo webali ngokokubona kwakhe, andule achaze isimo sentlalo. Umxholo webali usenokuthi ubugebenga abuhlawuli kungenjalo akukho nto ifihlakala kuphele.
- Isimo sentlalo kwibali sivela ngendawo izehlo ezehla kuyo, ubume bendawo ukuvulela ukuba izehlo zehle, iimo zentlutha nendlala ezindulula abalinganiswa ukuba benze izinto ezithile, indlela ezenziwa ngayo izinto, indlela abonwaba ngayo nabonwabisana ngayo abantu, iindlela abaphethene ngazo abantu umzekelo bayalwa, bayathandana. Sikwaquka ubunjani babantu, isinxibo sabo esivumela ukwenzeka kwezinto ezithile, iinkolelo zabo kwakunye neenkolo zabo nolwimi abalusebenzisayo.Sichaphazela ixesha ezimbalini, eminini, enyakeni, enyangeni, ebomini bomlinganiswa. Banokuqaphela isinxibo nezinto ezixatyiswe ngumlinganiswa othile imozulu, umoya ophefumlwa ngabalinganiswa okanye yimpixano.

Kwisiqu angachaphazela:

- Indawo eliqhubeka kuzo ibali yidolophu yaseMonti, kwilokishana yaseZiphunzana apho kuba lula ukuthengisa intsangu ngempumelelo. Kuyo sifumana iMoonglow Night Club isetyenziswa njengendawo ekulula kuyo ukulukuhla abantu ukuba bangene ngelicinga ukuba iza nempucuko kubomi babo ngeli xesha bangena kweyona ngxaki. Intsangu notywala kutshintshiselwana ngazo kwiindawo ezimnyama ezilihlathi atsho kwazi lula ukulandela msinya uHlobo ukulanda umkhondo ngamava akhe eendlela zemigewu. ULinda noEddie bahlala kweyona ndawo iphucukileyo nekuhlala izinhanha kuyo eDankeni.
- Izinto ezixatyisiweyo: Amavili aziiroadmasters kunye nedyasi emfumamfuma azahlula ngazo uLinda Monti kwabanye abantu zisetyenziswe nguThembisa ukuze ityala lisuleleke ngokukholelekayo kuLinda. Itape recorder ebonisa ukukhula kwamaxesha neemeko abahlala phantsi kwazo abantu egcinwe kwiindawo zamafa incede ekuvezeni izenzo ezingendawo, wakhululeka uLinda etyaleni.
- Iintsangu exatyiswe ngamalungu esigqeba esilawula iMoonglow Night Club yenza uthanda phakathi kwawo noEddie Maga.
- Iimeko zabo zendlala zibenza basebenzise iindlela ezingekho mthethweni ukufumana imali ezinje ngokuthengisa intsangu. AbeMoonglow Night Club bajonga abantu baselokishini njengendlela yokufumana imali ngokusebenzisa abantu abangathathi ntweni ababhenela kwiziyobisi.
- Ixesha ebhalwe ngalo le ncwadi yiminyaka yama-1960 ezimbalini apho iinkundla bezisebenza ngohlobo oluthile, iintombi ziziphatha ngohlobo oluthile njengokuba uLinda esenza. Nangona le ncwadi yayibhalwe kudala ezi zinto zivezwayo zizinto ezisehla nanamhlanje kwakwezi meko zichazwa yincwadi. Ilenza lingabi litsha ibali, uqheleke umxholo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- IMoonglow Night Club neRio Cinema zezinye zeendawo abantu abatsha abazonwabisa kuzo nanjengoko kwaba lula ukufumana uEddie endleleni evela eRio.
- Kule ndawo yaseMonti kukho iilokishi ezininzi esingabalula kuzo ilokishi yakuTsolo noMekeni ezixinene kakhulu ngamabobosi ezindlu ezakhiwe ngamacangci anomhlwa nemibala ngemibala yepeyinti esele ixwebile ezikhulisa umxholo ngokuthi zize nabantu abahluphekileyo abaphila ngokutya iziyobisi.
- Unxibelelwano ngokubhalelana iileta kwenze ukuba uThembisa Ntlokonkulu asithele ngokubhala ileta ukuze enze ela qhinga lakhe likholeleke nangona libuye lacinywa yitape recorder nje.
- Ukuxhaphaka kweemeko zokukhuliswa zizizalwana nako kwenze ikholeleke okwethutyana into yokuba le nkosikazi yakwaHobe ingathi kanti ikho.

Bangavala ngelithi:

Isimo sentlalo sichukumisa, sixhokonxe uvakalelo lwabafundi bebali ngokuthi kwiphepha ngalinye uvakale umfutho waso.

[Naziphi na ezinye iingongoma ezichanekileyo eziphuhlisa umxholo ziya kwamkeleka]. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

4.1 4.1.1 Yayikukulandela ubungqina obabunikwe nguJoe emapolisen√i/ wayeze kuphanda nzulu ngokufa kukaEddie noLulama.√ (1)

4.1.2 Imbukumbuku.√ (1)

4.1.3 Ibaluleke ngokuba ingulo mntu wesibini unedyasi efana nekaLinda Monti.√√ (2)

4.1.4 Hayi, kuba lamshiya√√/wathi ephuma yabe imoto isithela ihamba.√√ (2)

4.1.5 Wabona imitshithi yamavili emoto *ayiRoadmasters.* √ (1)

4.1.6 Sisifaniso.√ (1)

4.1.7 AyingoLinda yedwa onala dyasi imfumamfuma√/ivolovolo kaLinda ibikhe yalahleka√/uLinda wayekwaMamkhey ngobuya busuku√/ asingoLinda yedwa osebenzisa amavili azii*Roadmasters*√/uHlobo waye wawubamba umpu ngezandla zakhe waphazamisa i'*finger prints'*√/akho mntu wambonayo uLinda xa wayedubula.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.1.8 Kukundwendwelwa kweFemina House nguHlobo.√ (1)

4.1.9 Wenze ithanda phakathi koEddie namalungu alawula i*Moonglow Night Club,* kwakho izisongelo, wafa uEddie.√√ (2)

4.1.10 Wafumana ulwazi oluninzi, kwi*tape recorder* eyabolekwa nguEddie kuJoe√√/wafumana ulwazi ngenenekazi elangena linxibe idyasi emfumamfuma efana nekaLinda Monti√√/wafumana umkhondo wamavili emoto azii*Roadmasters*.√√ (2)

4.1.11 Uzenze uninakazi kaEddie waveza nokukrokra kwakhe kokuba uLinda ebesenokumbulala uEddie ngenxa yelifa.√√ (2)

**ISICATSHULWA B**

4.2.1 *EMoonglow*√/*Moonglow*√/*Moonglow Night Club*.√ (1)

4.2.2 Wayefuna amapolisa ahlale ethe qwa ukuze nanini xa ewafuna afumaneke√√/wayefuna unxibelelwano phakathi kwakhe namapolisa lungaqhawuki.√√ (2)

4.2.3 Wayengafuni kubonwa√√/kwakufuneka ukuba kungabikho mntu onokumbona.√√ (2)

4.2.4 Kukubanjwa kwababulali bakaEddie.√√/ULinda Monti wafumaniseka engenatyala.√√ (2)

4.2.5 '... wahlatywa sisithatha esibukhali ...'√/zacima izibane... √/... kusithi danyadanya√/... ilangatyana nje elingephi ...√ (1)

4.2.6 Lisinika umfanekiso wabantu abaphethe izinto ezininzi ezikrokrelekayo√√/umfanekiso wabantu abangootsotsi.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelelka]. (2)

4.2.7 B ixesha elide√/B√/ixesha elide.√ (1)

4.2.8 Ingxoxo yayingendlela abaza kuyithatha xa besisa iibhokisi zotywala emaMpondweni√√/ngonaniselwano lwentsangu notywala.√√ (2)

4.2.9 Babethengisa intsangu.√ Babulala uEddie.√ (2)

4.2.10 Wathi makulungiswe imoto yakhe kufakwe unomathotholo inxitywe namavili amatsha√/wathi amapolisa ze angalali akhumbule izifungo azenzayo√/ukungaxeleli namnye koogxa bakhe asebenza ngento ayokuyenza.√ (1)

4.2.11 Wayevuyiswa kukuba oku kwakuza kumnika ithuba elaneleyo lokuba afumane ababulali bakaEddie noLulama√√/ wayengaqinisekanga ngobungqina awayesele enabo.√√ (2)

**[35]**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Umfundi kufaneleke ukuba uthatha icala ebonisa ngemizekelo ethathwa ebalini ukuba ngenene isimo sentlalo sincedisile ukuphuhlisa umxholo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayelelo yakhe umfundi:

- Angaxela umxholo webali ngokokubona kwakhe, andule achaze isimo sentlalo. Umxholo webali usenokuthi ungokunyokana okwenziwa kukunyolukela izikhundla.
- Isimo sentlalo kwibali sivela ngendawo izehlo ezehla kuyo, ubume bendawo ukuvulela ukuba izehlo zehle, iimo zentlutha nendlala ezindulula abalinganiswa ukuba benze izinto ezithile, indlela ezenziwa ngayo izinto, indlela abonwaba ngayo nabonwabisana ngayo abantu, iindlela abaphethene ngazo abantu umzekelo bayalwa, bayathandana. Singabalula ubunjani babantu, iinkolelo zabo kwakunye neenkolo zabo nolwimi abalusebenzisayo. Sichaphazela ixesha ezimbalini, eminini, enyakeni, enyangeni, ebomini bomlinganiswa. Banokuqaphela izinto ezixatyiswe ngumlinganiswa othile imozulu, umoya ophefumlwa ngabalinganiswa okanye yimpixano.

Kwisiqu angachaphazela:

- Umdlalo uqhubeka kwisikolo saseMdantsane. Loo meko ivumela ukuba usukuzwano olu lukholeleke kuba lolweetitshala ezisebenzisa namalungu ekomiti ukulwa amadabi azo, esikolo, abantwana besikolo abasetyenziselwa ukuthengela iititshala utywala, iikhabhathi zeklasi ezizele ngamakhoba eebhotile zotywala.
- Ixesha ezimbalini libonakala ngezikolo ezisephantsi kolawulo lweekomiti njengoko kwakukhe kwanjalo ngaphambili. Liphuhlisa umxholo ngokuthi ikomiti yesikolo igqibe kwelokuba uNdila makarhoxe emsebenzini.
- UMadala obenyotywe nguNdila ukuba amthethelele njengoko eqhele ukwenza uyohluleka, agxothwe uNdila, ufezekiseke umsebenzi wobunyoka bukaMaziko wokuqala.
  Izikhundla zisetyenziswa ngendlela ecinezelayo hayi eyakhayo. Usihlalo wekomiti yesikolo onguMadala wamkela izinyobo enze loo nto ifunwa ngulowo umnyobayo. UMaziko olisekela nqununu likaMawonga akafuni kuboniswane noNdila ufuna agxothwe qha ukuze kuphumelele iinjongo zakhe zokufuna isikhundla sobunqununu.
- Indlela yokonwaba yaseMdantsane yeepati nokusela nokuthandana kwamadoda atshatileyo yenza kube lula ukubambisa uMawonga ukuze impindezelo kaNdila iqhubeleke. Umzekelo uNdila ucela uFuneka osisithandwa sakhe kunye noJerry ukuba bambambele uMawonga. Umenywa epatini kaFuneka uMawonga, ubekelwa utywala nentokazi enguZanele engumhlobo kaFuneka ukuba athandane nayo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Umbhali ubonisa ukuchewula kotywala njengesimo sentlalo ngokusibonisa ukuba uMawonga naye, obezenza ngcwele ixesha eli, ungenwo ngulo mkhuba wokusela utywala enze izinto abecinga ukuba uzenza ngabom uNdila. Ude yena athandane noZanele omtyela imali edibene noFuneka noNdila ngokweyelenqe likaNdila. Buyamngena mpela utywala uMawonga, akalali ndlwini, akenzi kakuhle emsebenzini. Inkosikazi yakhe ibiza uRay ongumnakwaboMawonga kunye nonina ukuba bathethe noMawonga ngesimo sakhe. Uyabhebhetha uMawonga ngokuthi mabamyeke.
- Intlalo yokunyokana nokuphelelisana kwabaphangeli emisebenzini ivezwa ngoMaziko ofumana ithuba lokukhupha uMawonga esihlalweni. Uya kuMadala usihlalo wekomiti yesikolo abeke phambili imeko yokunxila kukaMawonga nokuhla komgangatho wesikolo phantsi kwesandla sakhe.
- Ukuthanda amawonga okuyintlalo yabaphangeli kwenza ukuba xa uMadala efuna ukuqonda ukuba kungafakwa bani, athi ukhona yena Maziko. UMadala ufuna amnyobe ukuze asifumane isikhundla sobunqununu.

Xa evala

- Usenokuveza indima edlalwa sisimo sentlalo kwibali ekuphuhliseni umxholo abewukhankanyile. Umzekelo isimo sentlalo xa siphuhlisa umxholo siba ngunobangela wezehlo ezehla ebalini size ngolo hlobo sifuthele phantse iphepha ngalinye kwibali side sifuthele nemixholwana ekhoyo siyenze nayo ilikhulise ngakumbi ibali.

[Naziphi na ezinye iingongoma ezichanekileyo eziphuhlisa umxholo ziya kwamkeleka]. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA A**

6.1 6.1.1 Kumagama asekuqaleni abhalwe bukekela√/kumagama asekuqaleni akwizibiyeli√/kula ndawo ithi “kusasa ngecawe ... √/kwintshayelelo.√ (1)

6.1.2 C Enebhabhalaza yokunxila kwayizolo√/C√/Enebhabhalaza yokunxila kwayizolo.√ (1)

6.1.3 Kwinqanaba lokuyondelelana komdlalo√/ukujiya kwebali.√ (1)

6.1.4 Wayefuna isikhundla sobunqununu√√/wayefuna ukuxabanisa uNdila noLoni√√/wayedala ubutshaba phakathi kukaNdila noLoni√√/wayefuna ukuphelelisa uNdila ngomsebenzi. √√ (2)

6.1.5 Kutheni na? O! Nkosi yam? Yehl'intlekele√/yini kodwa le! Ndihlelwa yintoni?√/akuzange ube nje Joe√/azi ukuba iya kuphelela phi na le nto!√

[Nayiphi impendulo enye kwezi.] (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6.1.6 UMawonga akakwazi ukuphakama uyawa√/wafika wathi folokohlo.√ (1)

6.1.7 Bendingakhathazeka√/bendiya kuva kabuhlungu.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

6.1.8 Ukuxokiswa yindoda√/ukunxilelwa yindoda√/ukungalali kwendoda endlwini.√ (1)

6.1.9 Ngumntu onobuqhophololo√√/uthengisa ngenyaniso ngenxa yemali√√/uyarhwaphiliza√√/akayonkokeli inyanisekileyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

6.1.10 Uyayixhasa indoda yakhe√/ume ecaleni komyeni wakhe ngalo lonke ixesha√/akuxakwa emzini wakhe ubiza uninazala noRay√/akacingi ngokugoduka√/ubonisa ukudandatheka komphefumlo yindlela atshintshe ngayo umyeni wakhe.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

6.1.11 Wasela utywala ngakumbi√/Waqhubekeka ekrexeza√/akalala endlwini√/akabinanyani.√ (1)

6.1.12 Asiyonyani, ebesenza iqhinga kuba ebelele kwaZanele.√√ (2)

6.1.13 Wabhubha√/wasweleka.√ (1)

6.1.14 Ibaphethe kakubi, iyabahlupha kakhulu.√ (1)

6.1.15 Uthetha ngento engakhange ibekho.√√ (2)

6.1.16 Wayengayifuni kuba akuyinikwa akayiphungi ayigqibe√√/akubuzwa umbuzo nguThandiwe ufuna ikofu, egquka umkhondo efuna uThandiwe axakeke.√√

**OKANYE**

Wayeyifuna wasuka wakhulelwa bubuthongo erhabule kabini kathathu.√√ (2)

6.1.17 Kungokuba uMawonga wayengumkhaya kaFuneka√√/wayelichule lokuququzelela izinto.√√ (2)

6.1.18 UMawonga uyanxila√/uMawonga akalali endlwini√/uMawonga uyaxoka.√ (1)

6.1.19 UNdila ubecinga fanukuba umoyisile uMawonga kanti akamoyisanga uza kuziphindezela.√√ (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ISICATSHULWA B**

6.2 6.2.1 C kukufuna ukuthengelwa iswekile nguMawonga.√/C√/kukufuna ukuthengelwa iswekile nguMawonga.√ (1)

6.2.2 Uphalele√/uphelelwe ngumsebenzi√/ube linxila√/uphelelwe sisidima√/uphelelwe yimali/uxabene rhoqo nomfazi wakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

6.2.3 Kungokuba ebengekho uZanele isithandwa sakhe√/isithandwa sakhe sasiphangele.√ (1)

6.2.4 Ebemkrokrela ukuba akasamthandi okanye unomnye umntu.√√ (2)

6.2.5 Uthathe isigqibo sokuzibulala.√ (1)

6.2.6 Amantombazana nabafazi bafuna amadoda angenabantu ahamba odwa.√√ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

***UMHLAHLO NGAMEHLO*– LL Ngewu**

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayelelo yakhe umfundi:

- Angachaza isimo sentlalo athi, yinkqu ndawo le liqhubeka kuyo ibali, nexesha eli liqhubeka ngalo ngokwasezimbalini. Umxholo webali ngowokuba iinkundla zeli xesha lokhanyo zikholelwa kubungqina obubonwa ngamehlo. Umxholo ongomnye ngowokuba iinkundla zamatyala ezichotshelwa ngabantu abangamadoda, zinakho ukubacinezela abasetyhini.

Kwisiqu umfundi angachaphazela:

- Ngokwendawo liqhubeka kwinkundla yamatyala yeli xesha, nkundla leyo njengenkundla yeli xesha efuna ubungqina ukuze ithathe isigqibo.
- Ngokwexesha ezimbalini, lixesha lokhanyo kuba limalunga nesenzo sodlwengulo esenzeka ngoMgqibelo, kwinyanga kaJulayi kunyaka we-1995.
- Ityala lichotshelwe yindedeba, kukho umtshutshisi kukho nabameli, aba bantu bangamadoda, kwaye njengeenkundla zexesha lokhanyo aba bantu bafunde umthetho obethelela ukuba ukuze ubani abe ubekwa ityala kufuneka ubungqina obucacileyo.
- Isinxibo sikaNompoxeko sibonisa isimo sentlalo seli xesha. Esi sinxibo senza ukuba abasetyhini bacinezelwe njengoko kuhlala kunjalo kwiingqondo zabadlwenguli nabomthetho. Isinxibo sikaNompoxeko, sisigqebhezana, sibangela ukuba adlwengulwe ize loo nto ibangele ukuba iinkundla zeli zimbeke ityala lesi sinxibo malunga nokudlwengulwa kwakhe.
- Uneenzipho ezinde ezilondoloziweyo, njengantombazana eli xesha. Ezo nzipho ubuzwa ngazo ngummeli kaZolani isizathu sokuba angazisebenzisi xa kanti ebedlwengulwa, njengesixhobo sokuzikhusela. Loo nto yokuba kungabikho luphawu lwazo lubonakalayo kuZolani, yenza ubungqina bakhe bokuba udlwengulwe bungamkeleki enkundleni.
- Indedeba le ngumntu osemdala, ozibona izinto ngengqondo yomntu wexesha lakudala, loo nto yenza ukuba angqinelane nezinto ezichaphazela isinxibo sikaNompoxeko ezibekwa ligqwetha likaZolani.
- Indlela abonwaba ngayo abantu isetyenziselwa ukuba uNompoxeko adlwengulwe evela kukhuphiswano looNobuhle, ebusuku.
- Ixesha lemini lisetyenziselwa ukwenza ukuba uNompoxeko adlwengulwe kuhambo lwasebusuku lumenze ukuba abe lixhoba, kwaye kungabi lula ukumbona ukuze kungabikho ngqina lingumntu libonayo buceketheke ubungqina.
- Abantu neendidi zabo ezisetyenziswa libali ngugqirha asiwe kuye uNompoxeko ukuze kubekho ubungqina bodlwengulo, noko ityala angaliphumeleli.
- Ummeli kaZolani usebenzisa ubungqina obubonwayo beefoto ezibonisa uZolani egonene noNompoxeko, athi bubungqina bokuba bayathandana.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Isimo sentlalo sasenkundleni, sikhuthaza uZolani ukuba aphinde adlwengule, eqinisekile ukuba kuza kubekwa ityala elo kwibhinqa alidlwenguleyo njengesiqhelo. Ude azithembe ukuba uza kuphumelela xa wayedlwengule uNonkanyezi. Mhla ngetyala uNonkanyezi uyagwetyelwa yinkundla kuba bukho ubungqina obubonakalayo bokuba udlwengulwe.
- Uthe yena eneenzipho ezimfutshane, wazisebenzisa ekuphaleni uZolani ebusweni. Uthe enelizwi elisisitshotho kodwa wakhala ukuze aviwe, kubekho ubungqina.
- Inkundla yeli xesha lokhanyo ebimamele ityala lakhe, ibubonile ubungqina ebufunayo ukuze agwetywe uZolani.

Kwisiphelo angachaphazela:

- Umbhali usisebenzisile isimo sentlalo ukuphuhlisa umxholo wokuba amabhinqa mawaqinisekise ukuba ubungqina banele, ingakumbi kwiinkundla ezikhokelwa ngabantu abangamadoda, eziphikele ukubeka ityala kumabhinqa.

[Naziphi na ezinye iingongoma ezichanekileyo eziphuhlisa umxholo ziya kwamkeleka]. **[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI* – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA A**

8.1 8.1.1 Lithetha ukuba zihamba zingenaxhala√/zingoyiki mntu nanto√/ zazizithembile√ (1)

8.1.2 Kwalahleka uxwebhu oluneenkcukacha zetyala emapoliseni.√ (1)

8.1.3 Wasidubula eqatheni endaweni yokusidubula entloko.√√ (2)

8.1.4 Ulikroti√/ulidela-kufa√/uligorha√ kuba uye wamelana nazo izibhovubhovu akaziyeka zimke nezinto zakhe√/uzincamile wazilwa izikrelemnqa zakuya emzini wakhe eyedwa.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.1.5 Kubomi bobukrelemnqa iseso sicingela isiqu saso√√/izikrelemnqa azinabuhlobo benene zidibene ngomsebenzi qha√√/bubomi obungakhuselekanga.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.1.6 ... impoxo.√ (1)

8.1.7 Ngumoya wonxunguphalo√/wongcungcutheko√/wokoyika.√ (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.1.8 (a) C uvuthondaba√/C√/uvuthondaba.√

(b) B inqanaba lokujiya kwezinto√/B√/inqanaba lokujiya kwezinto.√ (2)

8.1.9 Lifundisa ukuba xa umthetho ungawenzi umsebenzi wawo kulula ukuba abantu bawuthathele ezandleni zabo√√/ubugewu abuhlawuli.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.1.10 Kungenxa yokuba ezi zikrelemnqa, ubukrelemnqa bazo bezibenza ngenkani, zihlutha izinto zabantu zingoyiki nto, namntu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.1.11 Sifanelekile√, kuba izikrelemnqa zoyisiwe zemka eDikeni√/esinye sazo saguquka sanqwenela ukucebisa ezinye ngobomi bobugewu obuyingozi.√

**OKANYE**

Asifanelekanga√, ngeliphele nezinye zibanjiwe zohlwaywa√/ ngeliphele amapolisa ohlwayelwe ukungawenzi umsebenzi wawo√/ umfo kaMaqhazolo namadoda aseDikeni ngebohlwayelwe ukuthathela umthetho ezandleni zabo.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

## ISICATSHULWA B

8.2 8.2.1 Sesinye sezibhovubhovu zaseBhayi√/sesinye sezikrelemnqa zaseBhayi√/sisikrelemnqa/sisibhovubhovu.√ (1)

8.2.2 Wayeye kuqhekeza kwaMaqhazolo.√ (1)

8.2.3 C yokonzakala kakhulu√/C√/yokonzakala kakhulu.√ (1)

8.2.4 Baqokelele nezo zihlunu besezahlukene nenxalenye yomzimba.√ (1)

8.2.5 Oomabonakude√/noonomathotholo.√ (1)

8.2.6 Njengonina, ukulila kwakhe bekulindeleke ukuba alilele ukonzakaliswa konyana wakhe koko yena wasuka walilela ukuba abahlaseli bengambulalanga unyana lowo wakhe.√√ (2)

8.2.7 Uye wanomnqweno wokudibana nezinye izikrelemnqa ezisekwikhondo awayekulo, azilumkise.√√ (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.2.8 Njengabantu abangakhathaliyo√√/njengabantu abangawuxabisanga umsebenzi wabo√√/njengabantu abangelulo uncedo eluntwini.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.2.9 Sasilungile, ayesindisa ubomi bawo nobeentsapho zawo kunokuba enzakale okanye afe.√√

**OKANYE**

Sasingalunganga, kuba ayefanele ukuba azilwele izinto zawo azisebenzele nzima.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

8.2.10 IBhayi yenye yeedolophu ezinkulu, kukho inkolelo yokuba izikrelemnqa zasezidolophini ezinkulu zibenza ngokungafihlisiyo ubukrelemnqa.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

8.2.11 Kukuba ngamagwala√/kukusithela ngemfundo.√ (1)

8.2.12 Ngokuba athi engamadoda enjalo angakwazi ukukhusela izinto zawo neentsapho zawo√√/abonakale engamabhetyebhetye ebafazini bawo.√√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO D: ISIHOBE**

***VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli***

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

9.1 Awu!√/ngu-Awu!√ (1)

9.2 Indoda enelizwi eliphakamileyo√/indoda enomoya√/indoda engakhethe bala lamntu√/indoda enentliziyo enye√/enelizwi eliqaqambileyo.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

9.3 Aqin'amadolo√/ayeka ukoyika√/ayeka ukuhlininika√/ayek'ukulila.√

[Nayiphi impendulo enye kwezi.] (1)

9.4 qwenge.√ (1)

9.5 Isekho√ kuba basekho abantu abasakholelwayo kwinyani.√

**OKANYE**

Ayisekho√ kuba abanye abantu abathethi nyani ngenxa yokuthenga ubuso.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

9.6 Owokuba iimbongi zinceda ngokuqinisa umkhosi√/ziyakwazi ukumkhuthaza umntu zimnike nethemba.√ (1)

9.7 Luchasaniso.√ (1)

9.8 Kumaphakathi.√ (1)

9.9 Zazisikelela, √ zazizinzisa ezihlalweni zazo√, zawuthu-thathuth'umkhosi izinja zakomkhulu.√ (1½)

9.10 Sesokuba iimbongi ziyaphixanisa zifunze nokufunza.√√ (2)

9.11 Ibek'ama<u>ba</u>la nezi<u>ba</u>kala i<u>baba</u>ze.√ (1)

9.12 Ithetha ngokudunyiswa kwemisebenzi emihle yezandla zikaThixo.√√ (2)

9.13 "Azi nithi bantu bani n'aba soloko bakhamisa."√ (1)
**[17½]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

10.1 Kuba kukufutshane nendawo ahlala kuyo√/kaloku ahlala kufutshane nomlambo√/yindawo aphumla kuyo ngendalo yawo.√ (1)

10.2 Yindubule√ nexoxo.√ (2)

10.3 Ithetha ukuthi amasele ayeye onke kwintlanganiso√/Ithetha ukuthi amasele ayephume ngobuninzi bawo.√ (1)

10.4 Yindubule.√ (1)

10.5 Ayathetha√/ayakhahlelana√/ayabonisana ngezidla usapho√/abizwa ngokuba ngumzi kaSele√/ukubamba intlanganiso√/ukuphuma ngendlu√.

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

10.6 Izakhe ngokusebenzisa imiqolo emihlanu kwisitanza ngasinye√√/isebenzise imvano-siphelo kwimiqolo emine yesitanza ngasinye.√√ (2)

10.7 B. weliso√/weliso.√/B.√ (1)

10.8 Ayenomsindo kakhulu√/ayecaphuka kakhulu.√ (1)

10.9 Hayi√ awakhuthazi kuba abanye abantu abakhuthazeki kukugxekwa.√

**OKANYE**

Ewe√ Angabakhuthaza abantu abasele bekuqhelile ukukhuthazwa ngokugxekwa.√/Amkhuthaza uNdubule watsho wafuna ukuya phambili.√ (1½)

10.10 Sisigqebelo.√ Siwudlulisa ngokuba lo kanye uthi makuyiwe phambili, kumqolo wama-20 ngulo ubaleke kuqala kumqolo we-24.√ (2)

10.11 Sisetyenziselwe ukubonisa ukuba isenzo sokuhlala phantsi senzeke ngokukhawuleza.√√ (2)
**[17½]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

11.1 11.1.1 ... sonethi.√

11.1.2 ... eli-14.√

1.1.3 ... sibhozo.√ (1½)

11.2 Lizisa intsingiselo yokubambana√/umanyano.√ (1)

11.3 11.3.1 imvano-siqalo.√

11.3.2 imvano siphelo.√ (2)

11.4 Ukomelela√√/ukwendela√√ (2)

11.5 Isetyenziselwe ukubonakalisa ubunye kwabamanyeneyo.√√ (2)

11.6 Uthetha ukuthi izimvo zabo ziyangqinelana kwaye bamanyene√/zomelele.√ (1)

11.7 B Izimvo zabo zicingisisiwe√/B√/izimvo zabo zicingisisiwe.√ (1)

11.8 Iththetha ngazo naziphi izinto ezixabanisayo.√ (1)

11.9 Kunesiphumo esikukuphefumlelana ngamoya mnye√/kunesiphumo esikukuvana√/umanyano lwabo lubenza bakhule kunye.√ (1)

11.10 Lithetha ukuthi abamanyeneyo bayancedisana kwizinto ezibaxakayo√/abantu abazalanayo bancedisana kwizinto ezibaxakayo.√ (1)

11.11 Abantu abamanyeneyo bangamelana nayo nayiphi imingeni abajongene nayo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

11.12 Ubhekisa kubo nabaphi abantu abamanyeneyo.√ (1)

11.13 Usebenzise isingqisho esingu-aa, bc, da, ef, gggg, hh.√ (1)
**[17½]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

12.1 12.1.1 ... nkonjane √

12.1.2 ... tyhilwa √

12.1.3 ... moyana √ (1½)

12.2 "ndanda" √ (1)

12.3 "lundixelela" √/ "lundazisa" √ (1)

12.4 12.4.1 B Isifaniso√/B√/isifaniso.√

12.4.2 A Isimntwiso√/A√/isimntwiso.√ (2)

12.5 Uthethele ngaphakathi√√/ukuthethela entliziyweni.√√ (2)

12.6 Kuba ithe iyayibanga kwakwisitanza soku-1√√/kuba ithe yeyayo inkonjane.√√

[Nayiphi enye kwezi.] (2)

12.7 Yintaka entle√/iyandanda xa ibhabha√/ayibhabheli phezulu√/inemibala-bala emihle√/inesihlwithi√/inesifuba esihle√/amanqina ayo abalasele ngeenzipho√/ isisila eside.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

12.8 Intle kakhulu kangangokuba akukho nto inokuphinda yenziwe ukuyiphucula√/ akukho nto intle ngaphezu kwayo√/intle ayinasiphako.√ (1)

12.9 Kumqolo woku-1 iyifanise nengelosi√√/kumqolo wama-30, ithi yintaka yezulu √√/inyulu.√√ (2)

12.10 Imbongi yonwabile.√ (1)

12.11 Uphindaphindo lombuzo buciko lusetyenziselwe ukuba lwenze ukuba abafunda umbongo bazibone sele beqaphela iimpawu ezintle zenkonjane.√√ (2)
**[17½]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO - IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI**

**Qaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.**

| **ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU** | | **UMXHOLO [25]**<br>**Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.** | **ULWABIWO LWAMANQAKU** | **ISAKHIWO NOLWIMI [10]**<br>**Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.** |
|---|---|---|---|---|
| **Ikhowudi 7**<br>**80–100%** | **Kugqwesile**<br>**20–25**<br>**amanqaku** | - Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo.<br>- Isincoko siphuhlile. (90+ ukugqwesa kwesincoko).<br>- Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi.<br>- Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi. | **Kugqwesile**<br>**8–10**<br>**amanqaku** | - Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo.<br>- Intshayelelo nesiphelo zigqwesile.<br>- Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile. |
| **Ikhowudi 6**<br>**70–79%** | **Kuphakamile**<br>**17½–19½**<br>**amanqaku** | - Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo.<br>- Isincoko sicacile.<br>- Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswe kakuhle kwitekisi.<br>- Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu. | **Kuphakamile**<br>**7–7½**<br>**amanqaku** | - Isincoko sakhiwe kakuhle.<br>- Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka.<br>- Izimvo neengcinga zilandeleka lula.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko.<br>- Isinikezelo sihle. |
| **Ikhowudi 5**<br>**60–69%** | **Kuphakathi**<br>**15–17**<br>**amanqaku** | - Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko.<br>- Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe.<br>- Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo.<br>- Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka. | **Kuphakathi**<br>**6–6½**<br>**amanqaku** | - Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelelana ngokufanelekileyo.<br>- Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle.<br>- Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka.<br>- Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle. |
| **Ikhowudi 4**<br>**50–59%** | **Kuyanelisa**<br>**12½–14½**<br>**amanqaku** | - Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo.<br>- Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo.<br>- Ezinye izimvo ziyaxhasa nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam.<br>- Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi. | **Kuyanelisa**<br>**5–5½**<br>**amanqaku** | - Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo.<br>- Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo.<br>- Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo.<br>- Imihlathi ithande ukuchaneka. |
| **Ikhowudi 3**<br>**40–49%** | **Kuzamekile**<br>**10–12**<br>**amanqaku** | - Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo.<br>- Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci kakhulu.<br>- Izimvo aziphuhlanga kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi.<br>- Umfundi akakayilandeli ncam le jenri netekisi. | **Kuzamekile**<br>**4–4½**<br>**amanqaku** | - Uyilo kunye/okanye isakhiwo zixazalala.<br>- Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo.<br>- Imihlathi ixazalala.<br>- Kukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>- Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo. |


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **Ikhowudi 2**<br><br>**30–39%** | **Kunzinyana**<br><br>**7½–9½**<br><br>**amanqaku** | - Akasilandeli tu isihloko.<br>- Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni.<br>- Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi.<br>- Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri. | **Kunzinyana**<br><br>**3–3½**<br><br>**amanqaku** | - Ukulandelelana kakuhle kwezimvo kuchatshazelwa lubhalo oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswanga kakuhle.<br>- Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu. |
| **Ikhowudi 1**<br>**0–29%** | **Kunzima**<br>**0–7**<br>**amanqaku** | - Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile.<br>- Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi.<br>- Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. | **Kunzima**<br>**0–2½**<br>**amanqaku** | - Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe.<br>- Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo.<br>- Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano.<br>- Ulwimi lufe amanqe.<br>- Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. |


Downloaded from eduresourceza.com